



## Inkqubo yamakhaya nesikolo – iphepha lemibuzo lootitshala – nomqequeshi

**Nceda ugqibezele eli phepha lemibuzo ngaphambi koqequesho. Phawula iholamu efanelekileyo.**

	<b>Ndiyavuma</b>	<b>Andivumi</b>
1. Uphuhliso lokufunda nokubhala luqala kwiBanga lokuQala.		
2. Abantwana bangazama ukuthetha ngakumbi ukuba abazali bengabamamela ngenyameko kwaye babaphendule.		
3. Ukusebenzisa ulwimi lweenkobe ekhaya kuza kunika abantwana isiseko esisiso sokufunda iilwimi ezongezelelwewo.		
4. Abantwana kufuneka bakhuthazwe ukuba bathethe kuphela ulwimi lwasesikolweni ekhaya.		
5. Ukuthetha ngeengcina, iimvakakelelo okanye iziganeko ezidlulileyo zakha ulwimi olubalukileyo ekufundeni esikolweni.		
6. Usamlalo/ukudlala ukuzenzisa kunceda abantwana ukuba bakhulise kakhulu ulwimi oluntsonkothileyo nolungabonakaliyo.		
7. Abantwana kufuneka bakhuthazwe ukuba babuze baze baphendule imibuzo ngendlela ekhululekileyo.		
8. Iingoma, izinqqisho nezicengcelezo, zinika umda kodwa azibalulekanga ekufundweni kolwimi, ukufunda nokubhala.		
9. Abantwana akuvumelekanga ukuba babuze imibuzo okanye babelane ngeembono zabo ngelixa umntu omdala efunda ibali.		
10. Ukufundela abantwana kubanceda ekubeni babengabafundi abaggibeleleyo.		
11. Abantwana abancinci kufuneka bakhuthazwe bafunde/balingise ukufunda phambi kokuba baqale isikolo.		
12. Imidlalo enoonobumba nezandi inceda umntwana ukuba abengumfudi nombhali oggibeleleyo.		
13. Ukunceda abantwana ukuba baqaphele ukuba okubhaliwego okubangqongileyo (ngaphakathi nangaphandle) kuyinxenyenye ebalulekileyo yokufunda ukufunda nokubhala.		
14. Umntwana onengxaki yokuva ubanayo ingxaki ekufundeni.		
15. Ukuzoba okukhululekileyo yinkcitha xesha kwaye makungenziwa ekhaya okanye eklassini.		
16. Abantwana abancinci mabakhuthazwe babbale/balingise ukubhala phambi kokuba baqale isikolo.		
17. Abazali akufuneki bazibandakanye kupuhhliso lokufunda nokubhala lwabantwana babo nanjengoko bengaqeqeshelwanga ubutitshala.		
18. Abazali abafumana ubunzima ekufundeni nasekubhaleni basenako ukunceda nokuxhasa ukufunda kwabantwana babo.		
19. Ukuba abazali bangadlala kunye nabantwana, bangakwazi ukubanceda abantwana ekucingeni nasekufundeni.		
20. Abantwana bafunda ngokulula kakhulu nangempumelelo kwindawo enothando nethembekileyo.		

**Enkosi ngokugqibezele iphepha lemibuzo.**